# INTSHAYELELO

# NGESIGONYO SESIFO I-COVID-19.

I-Nelson Mandela University yinxalenye yezicwangciso zikazwelonke zokulawula isigonyo seCOVID-19 kwiiveki neenyanga ezizayo.

Lencwadi iqulathe ulwazi olunyasikelileyo ngesigonyo, nolufumaneke kwimothombo eyahlukileyo nethembekileyo, equka abongikazi esisebenza nabo, nabazakulawula esisigonyo kumaziko ethu.

Xa ufuna ulwazi oluphangaleleyo ngesigonyo nceda ungene kwikhasi lethu le web:
www.mandela.ac.za/coronavirus

## Yintoni Isigonyo?

- Isigonyo liyeza elincedisa umzimba ukuba ulwe ukusuleleka okanye isigulo.
- Izigonyo zinceda izigidi ngezigidi zabantwana ukuba zingaguli okanye zisweleke zizifo ezifana ne masisi, i-polio kunye noqilikwana.
- Uninzi lwabantu abadala bafumana izigonyo ezithintela izifo ezifana nomkhuhlane, kunye ne tetanus.
- Uninzi lwezigonyo lunikezelwa nge naliti.

## Sisebenza njani isigonyo?

- Isigonyo sisebenza ngokuthi sincedise umzimba ukubona isigulo esitsha, nesifana ne Covid-19, size sifundise umzimba ukulwa nesosifo.
- Xa umntu ethe wadibana nomntu onesifo, umzimba wakhe sele ukulungele ukulwa naso, ntoleyo yenza lomntu angaguli

## Kutheni sisebenzisa isigonyo?

- Isigonyo sisindisa ubomi.
- Izigonyo sele zisindise abantu abangapha kwezigidi kwihlabathi jikelele, ukuba bangaguli okanye basweleke zizifo ezifana ne-masisi, kunye ne-polio.
- Izigonyo lungenelelo olungundoqo lokuthintela izigidi ngezigidi zabantu ukuba bangaguli okanye basweleke yi Covid-19

## Yintoni isigonyo seCovid-19?

- Esi sisigonyo esitsha esincedisa umzimba ukulwa nentsholongwane ye Covid-19.
- Sisebenza ngendlela efanayo nezinye izigonyo.
- Sincedisa umzimba ukuba ubone isigulo okanye isifo esitsha. Emva koko silungeselela umziba ukuba ulwe nentsholongwane ukuze singaguli.

## Yintoni ukukhusela uluntu (herd or population immunity)?

- Xa uninzi lwabantu ekuhlaleni lugonyiwe, intsholongwane ayikwazi ukunwenwa okanye ijikeleze kuba abantu ehlangana nabo bakhuselekile.
- Xa uninzi lwabantu luthe lwagonywa, ambalwa amathuba okuba abo bangakhuselwanga sisigonyo bangafumana intsholongwane. Oku kubizwa iHerd immunity.
- Akho sigonyo sikhusela abantu ngokupheleleyo, yaye nokukhusela uluntu ngohlobo lwe Herd immunity, akuthinteli ukuba abo bangagonywanga ngokukhuselekileyo, bangafumani intsholongwane.

## INGABA SIKHUSELEKILE ISIGONYO SE COVID 19?

- Ewe, isigonyo esizakusetyenziswa eMzantsi Afrika sikhuselekile.
- Sele sifakwe kwizigidi zabantu kwihlabathi, abancinci nabadala, aba zizityebi nabo bangathathi ntweni.
- Izigonyo ziveliswe yaye zavavanywa zinzululwazi zehlabathi, neziquka ezase Mzantsi Afrika.
- U-Mzantsi Afrika lelinye lamazwe anooGqirha nabongikazi abagqibeleleyo elizweni. Asokuze basivumele sigonywe ngesigonyo esingakhuselekanga.
- Nangona siveliswe msinyane esisigonyo, ukuze sisindise ubomi babantu, sihlolwe savavanywa ngokwaneleyo , saze savunywa ziingcali zombutho wezempilo iWorld Health Organisation, nalapho zijongwa khona izigonyo.

## UMZANTSI AFRIKA UZAKUSIFUMANAPHI ISIGONYO?

- uMzantsi Afrika uzakufumana izigonyo kwindawo ezahlukileyo , kwihlabathi jikelele, ngelinge loku gonya abantu abaninzi kwakamsinya. Ezinye kwezizigonyo kulula ukuzigcina kunezinye, kwaye ezinye zisebenza msinyane kuhlobo lwe Covid-19 efumaneka eMzantsi Afrika. Isigonyo ngasinye esivunyiweyo sizakuncedisa ekunqandeni ukunwenwa kwentsholongwane.

# Sifakwa njani isigonyo se Covid 19?

- Esisigonyo sizakufakwa ngumsebenzi wezempilo oqeqeshiweyo, kwindawo ezifana nezibhedlele, ekliniki, eKhemesti, okanye kumagumbi okuxilonga oogqirha, ukanti eNelson Mandela University, izakulawulwa ngogxaa bethu abasebenza kumaziko okuhlola iCovid-19.
- Sifakwa ngenaliti engalweni.
- Ukuze sisebenze kakuhle kufuneka ufumane iinaliti ezimbini.
- Uzakufumana inaliti yesibini kwiiveki ezine ukuya kwezilishumi elinesibini emva kokufumana inaliti yokuqala.
- Umsebenzi wezempilo uzakuchazela ukuba ungabuya nini ufumane inaliti yesibini.
- Kubalulekile ukuba ufumane zombini ezinaliti.

# INGABA ESISIGONYO SIZAKUNDENZA NDIGULE SISIFO I-COVID-19?

- Hayi, isigonyo asizokugulisa ubenesifo seCovid-19. Siyakukhusela ungaguli sisifo se Covid-19.

## NDIZAKUZIVA NJANI EMVA KOKUHLATYWA LENALITI?

- Uninzi lwabantu lubanengalo ebuhlungu intsuku ezimbalwa, kodwa iphinde iphile.
- Abanye abantu bangaqaqanjelwa yimisipha, badinwe, babe nentloko ebuhlungu, okanye bafunyanwe sisifuthufuthu. Ezimpawu zithetha ukuba isigonyo siyasebenza, yaye zizakuphela emva kwentsuku ezimbini.

## INGABA ISIGONYO SIZAKUTHINTELA UKUBA NDINGAFUMANI ISIFO I-COVID 19?

- Ewe, sizakuthintela abantu abagonyiweyo ukuba bangaguli sisifo se COVID-19.
- Inani elincinci labantu bangagula yi COVID-19, emva kokufumana isigonyo. Kodwa ngaphandle kwesigonyo bangagula kakhulu okanye basweleke.

## NGUBANI OZAKUFUMANA ISIGONYO?

- Urhulumente wethu ufuna abantu ababuninzi bungange zigidi ezingamashumi amane eMzantsi Afrika, basifumane isigonyo phambi kokuphela konyaka ka 2021.
- Xa uninzi lwethu lukhuselekile kwisifo seCOVID-19, esisifo sizakuncipha okanye siphele kwamsinya.

### INGABA KULIBAZISWE NGABOM UKUFUMANEKA KWESIGONYO SE COVID-19 EMZANTSI AFRIKA?

- Akulibaziswanga ngabom ukufumana isigonyo se COVID-19.
- UMzantsi Afrika ubukhetha isigonyo esikhuselekileyo,esisebenza ngokukuko,ekulula ukusisebenzisa, ujonga iindawo zokusigcina,indlela yokusihambisa, indlela yokusinikezela eyiyo, kwakunye neendleko.

# NGUBANI OTHENGA ISIGONYO SE COVID_19 eMZANTSI AFRIKA?

- URhulumente uzakusifuna, asihambise, aze ajonge indlela yokunikezwa kwesigonyo. Nguye yedwa ozakuthenga isigonyo, zee sinikezelwe korhulumente bamaphondo kunye neenkampani zabucala.
- Kuzakusungulwa indlela yokubhalisela ugonyo kazwelonke.
- Ukugonywa kuzakuxhomekeka kuluhlu olubhalise phambi kokuba kuqale lenkqubo, kusetyenziswe  nenkqubo yokwenza idinga lokugonywa.
- Ikomoti kazwelonke yokuhanjiswa kwesigonyo izakujonga ukugonywa kwabantu kwicandelo likarhulumente, nakwi candelo labucala

# INGABA SONKE SIZAKUGONYWA NGAXESHANYE?

- Hayi, nanjengoko kungekho zigonyo zaneleyo zokuba wonke umntu agonywe kwihlabathi, okwangoku.
- Nangona kunjalo, urhulumente uzimisele ukuqinisekisa ukuba sizakuba nezigonyo ezaneleyo, ukuze kugonywe uninzi lwabantu beli kulonyaka.
- Isigonyo sizakunikezelwa ngezigaba ezintathu.

# NGUBANI OZASIFUMANA KUQALA?

- Kufuneka sikhusele abo basemngciphekweni wokufumana isifo se COVID-19 kuqala.
- Ukuqala ngo February:

# ISIGABA SOKUQALA

Abo basebenza kwicandelo lezempilo bazakufumana isigonyo. Kuba xa begula akukho mntu uzakusinika inkathalo.

# ISIGABA SESIBINI

Zindidi ezine zabantu:

- Ngabasebenzi ababalulekileyo: Aba ngabantu ekufuneka basebenze ukuze ilizwe lethu likwazi ukusebenza, abafana namapolisa, abafundisi ntsapho, abasebenzi bomasipala, abezokhuseleko, abalimi, kunye nabasebenzi bee-venkile ezithengisa ukutya.
- Abantu abaneminyaka engapha kwamashumi amathandathu.
- Abantu abasebenza okanye abahlala kwiindawo ezinabantu abaninzi, njenge ntolongo, amakhaya abantu abadala, amakhaya ajonga abantu abagulayo, amaziko afana nee Univesithi, kunye nee nkonzo.
- Abantu abaneminyaka engapha kweshumi elinesibhozo abahleli benezinye izigulo, nabanezigulo ezifana nesifo sephepha, intsholongwane ka gawulayo, nesifo seswekile esingalawulekiyo.

# ISIGABA SESITHATHU

Ilizwe liphela

**QAPHELA:** Iinkcukhaca ngesigaba ngasinye sokukhutshwa kwesigonyo zizakuchazwa , xa isigonyo nenkqubo yokugonya sele imiselwe.

## INGABA WONKE UMNTU ANGAGONYWA?

- Uninzi lwabantu lungagonywa ngokukhuselekileyo.
- Kodwa phambi kokuba ugonywe , umsebenzi wempilo uzakubuza imibuzo ukuze abenolwazi olungcono ngempilo yakho.
- Awuzokugonywa, ngaphandle kokuba kuqinisekisiwe ukuba ukhuselekile

## KUTHENI KUFUNEKA NDISIFUMENE ISIGONYO?

- Sonke singasifumana isifo se COVID-19, abanye bethu bangasifumana bengayazi nokuba banaso, ntoleyo ingabangela kusuleleke abanye abantu, abanokugula okanye basweleke.
- Xa uninzi lwabantu lugonyiwe, kungancipha ukunwenwa kwentsholongwane eluntwini.

## BESELE NDISIFUMENE ISIFO SE COVD-19, INGABA IKHONA IMFUNEKO YOKUGONYWA?

- Ewe, nanjengoko abanye abantu befumana isifo seCovid-19 amatyeli amabini.
- Isogonyo singakunceda, ukuze ungaguli ubenesisifo kwakhona.

# ISIGONYO SISEBENZA EMVA KWETHUBA ELINGAKANANI?

- Uzakukhuseleka emva kokufumana inaliti yokuqala.
- Uze ukhuseleke kakhulu emva kwentsuku ezisixhenkxe ufumene inaliti yesibini.

## NDIZAKUKHUSELEKA UTHUBA ELINGAKANANI EMVA KOKUFUMANA ISIGONYO?

- Esi sisigulo esitsha, okwangoku akukabikho lwazi lokuba ukhuseleke kangakanani emva kokugonywa.
- OoGqirha banethemba lokuba izakuba lithuba elide.

# EMVA KOKUFUMANA ISIGONYO NDINGAYEKA UKUNXIBA ISIFONYO?

- Hayi, ngoba kusekho ithuba lokuba ungasifumana isifo seCOVID-19.

Qhubeka wenze oku:
**Nxiba isifonyo**
**Hlamba okanye ufake isibulali ntsholongwane rhoqo ezandleni**
**Yima mgama komnye umntu**
**Hlala uvule iifestile**
**Lumkela ukuya kwiindawo ezinabantu abaninzi**

# INYANI okanye ASIYONYANI

Nanjengoko kukho intetha ezingezizo ezijikelezayo ngobhubhane we ntsholongwane ye corona kwakunye nesigonyo, siyathemba ukuba oku kuzakunceda:

## ASIYONYANI

- Isigonyo senziwe ngokukhawuleza, yaye inkqubo yokujonga ukuba sikhuselekile khange igqitywe.

## INYANI

- Ihlabathi jikelele livelise esisigonyo msinya, kuba iinzululwazi zisebenzisene kunye noorhulumente ukunceda uluntu. Isigonyo se COVID-19 siphumelele lonke uvavanyo oluthi lenziwe nakwezinye izigonyo esizisebenzisayo.

## ASIYONYANI

- Isigonyo sizakutshintsha iDNA yam.

## INYANI

- iDNA zizakhiwo ngokomzimba ezichaza intsukaphi yakho, nezikwenza ubenguwe. Esisigonyo asinakutshintsha I DNA.
- Isigonyo sifundisa umzimba wakho ukuba uyazi intsholongwane, ukuze ufunde iindlela zokuyilwa.

## ASIYONYANI

- Esisigonyo sinobuxhakaxhaka obuncinci obubizwa i-microchip, nezakusetyenziswa ukundikhangela okanye ukundi lawula.

## INYANI

- Isigonyo asinayo i-microchip.
- Isigonyo asinokusetyenziswa ukundikhangela okanye ukufumana inkcukhaca/ulwazi ngobomi bam.

## ASIYONYANI

Ubuxhaka xhaka balemihla obaziwa njenge 5G network, bubo obuza nentsholongwane ye corona, ngamaza amandla ahamba emoyeni .

## INYANI

- Ayikho intsholongwane enokuhamba ngamaza omoya,  okanye ngothungelwano olubibzwa iiMobile Networks.
- I-COVID-19 iyanwenwa nakumazwe angenalo uthungelwano lwe 5G mobile networks.

## ASIYONYANI

- Esisigonyo sinophawu lwe Rhamncwa i-666.

## INYANI

- Izigonyo azinakhonkco lizidibanisa nenkolo. Izigonyo azinakuba namimoya okanye amadimoni.
- Isigonyo siveliswe ukuze kusindiswe ubomi bethu, hayi ukuthakatha, ukufaka amadimoni, okanye ukusilawula.

## UBUXOKI

- Isigonyo yindlela yamazwe aseNtshona yokuphinda acinizele amazwe ase Afrika.

## INYANI

- Isigonyo ayingomsebenzi wamazwe aseNtshona anemali kuphela. Yimigudu yehlabathi jikelele.
- Lee yimigudu edityaniswe lulwazi lwamazwe jikelele. Nokuquka ooGqirha neNzululwazi zeli. Isigonyo sithe savavanywa nakweli loMzantsi Afrika.

